# YINTONI UMTHETHO WESINTU?

Yinkqubo yomthetho esetyenziswa luluntu, kule meko, uluntu lwabalobi. Ikho kwaye yavela ngokuhamba kwexesha. Yinxalenye yenkqubo enkulu yesiNtu elawula ukuba ngubani ophethe umhlaba kuluntu kunye nendlela, ubunkokeli, amasiko enkcubeko njl.njl.

## IINYANI:

- Inkqubo yasekuhlaleni iwaqonda amalungelo amalungu athile oluntu okuloba okanye ukuvuna, inyanzelisa imithetho ngokomzekelo xa ilungu loluntu lithe lawamkela amalungelo oluntu. akaziwa njengomlobi, iinzame zokuloba okanye xa kukho ukuloba ngokugqithisileyo
- Ngoko ke endaweni yokuba urhulumente athathe isigqibo sokuba ngubani onokuloba kwaye ngubani ongakwaziyo, inkqubo yesiko loluntu ilawula oko.
- Oko akuthethi ukuba nabani na ekuhlaleni angaloba okanye avune. Kuthetha ukuba uluntu lusebenzisa amandla alo ekuchongeni abalobi nabavuni kunye nokuqinisekisa ukuba oko kuyenzeka ngokuzinzileyo.
- Ezi nkqubo zesintu bezikho amashumi kunye namakhulu eminyaka.
- Phambi koMgaqo-siseko, umthetho wesintu neenkqubo zesintu zazingahoywa kwaye zingajongwa njengomthetho wokwenene.
- UMgaqo-siseko uyitshintshile loo nto kwaye uxelela urhulumente ukuba makawuthathele ingqalelo umthetho wesintu.

LRC
Legal Resources Centre

# SATHINI ISIGWEBO SIKAGONGQOSE?

INkundla ithe uluntu lwaseHobeni luyibonakalisile into yokuba lunenkqubo yesiNtu kwaye njengenxalenye yaloo nkqubo yesiNtu, amalungu asekuhlaleni afana noDavid Gongqose, anelungelo ngokwesintu lokuloba.

INkundla yathi uMphathiswa usawutyeshela umthetho wesintu ngokungaqapheli ukuba abanye abantu basekuhlaleni banamalungelo esintu okuloba nokuvuna. Ngenxa yeso sizathu, urhulumente akazange abafumane benetyala uDavid nabanye.

Oku akuthethi ukuba nabani na osuka eHobeni okanye eDwesa-Cwebe angaya kuloba: oko kuthetha ukuba ubantu abavunyiweyo ngabahlali bendawo ukuba ngabalobi nabavuni abaloba ngokomthetho wesintu, bangakwenza oko.

Urhulumente emva koko watshintsha umthetho (i-MLRA) waza waqaphela iindawo zabalobi abakhasayo, kubandakanywa nezithethe zesintu. Oko kuthetha ukuba asinakuphinda sithi urhulumente akawuhoyi umthetho wesintu. Ngoku benze indlela yokuba urhulumente aqonde amalungelo esintu, kwaye umntu akanakuphinda athi iMLRA ayisebenzi mithetho yesintu. Iyasebenza.

KODWA ingxaki ngoku yeyokuba urhulumente akabavumeli abantu basekuhlaleni ukuba bachonge abalobi nabavuni ababaziyo nababaqaphela njengabasebenzisi besintu. Urhulumente uphatha uluntu olusebenzisa imithetho yesintu njengalo naluphi na olunye uluntu. Akahluli ukuba kukho abantu abasebenzisi umthetho wesintu kwabo bangasebenzisi wona. Oku kuthetha ukuba amaxesha amaninzi abalobi nabavuni abanamalungelo esintu baye bashiywe kuluhlu oluvunyiweyo ziimvume zikarhulumente kunye nabanye abantu bongezwa kwakoluhlu.

## YINTONI ESIMELE SIYENZE?

Njengoluntu, kufuneka someleze iinkqubo zethu zesintu kwaye sikwazi ukucacisa ukuba ngubani esimqonda njengoluntu njengabalobi nabavuni kwaye kutheni. Kufuneka sicele umngeni kurhulumente - uMphathiswa, i-ECPTA, amapolisa - ukuba baqaphele abo balobi nabavuni njengabasebenzisi abasemthethweni bolwandle.

Xa sisilwa norhulumente, kufuneka sikwazi ukubonisa ukuba injani na inkqubo yethu kwaye kutheni sibachonga abalobi nabavuni kunye nendlela esiqinisekisa ngayo ukuba abantu basebenzisa ulwandle ngokuzinzileyo.